

# 5

# Mmmmm, iipayi zodaka!

## Ukutya okusempilweni



Umondli upheka ukutya okuncamisayo kodaka.
Masijonge ukuba upheka ntoni na ...
- Inyama
- Iitapile
- Ispinatshi
- Nepudingi emnandi yetshokolethi!





“Yiza ungcamle ukutya kwam okunencasa,” utsho uMondli kudade wabo, uThandile.
UThandi umunca imilebe yakhe. “Mmm, le pudingi yetshokolethi ikhangeleka mnandi,” utsho.
“Awunakufumana pudingi de ugqibe imifuno yakho kuqala,” utsho uMondli.
“Ndiyakwazi,” utsho uThandi oneenkani. Uqubula ipayi enkulu yodaka, alume kakhulu. “Yho!!!” uyakhwaza, eyitshica.
“Ingcamleka KAKUBI!”





“Moooondliiiiiii!” uyambiza umama wakhe. “Ngena uze kwisidlo sangokuhlwa.”
“Qashela ukuba kutyiwa ntoni ngesidlo sangokuhlwa?” utsho umama.
Ususa iziciko zakhe ezityeni, amehlo kaMondli ayavuleka
akubona okona kutya kwakhe akuthandayo. Kukho ...

- Inyama
- Iitapile
- Ispinatshi
- Nepudingi emnandi yetshokolethi!

“Yikha,” utsho umama kaMondli. “Khumbula nje,
Thandi: akutyiwa pudingi ungekayigqibi imifuno yakho!”
UThandi uyakhalaza.
“Ndicinga ukuba ndiphelelwe ngumdla,” utsho.



